# IKHWELO LOKUBA UZIBANDAKANYE KWIKOMITI ENGENGCEBISO NGOKUJOLISWE KUMMANDLA OKHUSELEKILEYO

Imibutho eyiyeyona inomdla onguwo kwiindawo zolondolozo lwendalo iyamenywa ukuba yenze isicelo sobulungu kwenye yeekomiti ezingengcebiso ngokumalunga nemimandla ekhuselekileyo yeSixeko saseKapa.

Ulondolozo lwezendalo nemimandla yendalo ekhuselekileyo ithi iquke iBlaauwberg, Bracken (kuquka iPerdekop neHaasendal), Durbanville (kuquka iUitkamp Wetland, iBotterblom), Edith Stephens, False Bay (kuquka iRondevlei, Zeekoevlei, Pelican Park, Slangetjiebos noMmandla iStrandfontein Birding), Helderberg (kuquka iSilverboomkloof, Harmony Flats neMorkel's Cottage), Steenbras, Table Bay (kuquka iRietvlei, Diep River, Milnerton Racecourse neZoarvlei), Tygerberg (kuquka iBothasig neArriesfontein), Witzands Aquifer (kuquka iKlein Dassenberg Hills), Wolfgat (kuquka iZandwolf, Strandfontein Aquifer neMacassar Dunes), neZandvlei (kuquka iMpuma yeMuizenberg).

Indima yekomiti engengcebiso ithi inikezele ngengcebiso kwaye iququzelele ubudlelwane, unxubelelwano, ukubandakanya nophuculo lwezobuhlakani kunye nabo babandakanyekayo noluntu olukufutshane (olungqongileyo) ukuze kukhuthazwe iinjongo eziqulunqiweyo zolawulo lwesicwangciso zeendawo zolondolozo lwendalo.

**Ukuze ufumane ingcaciso ethe vetshe nangokumalunga noxwebhu elingokufaka isicelo, ndwendwela kwikhonkco elingu https://www.capetown.gov.za/City-Connect/Have-your-say/surveys-and-submissions/become-a-member-of-a-protected-area-advisory-committee okanye uqhagamshelane noEleanor Hutchings kwa paac@capetown.gov.za Umhla wokuvalwa kokungeniswa kwezicelo ngowe17 kuCanzibe (Meyi) 2024.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
**CTA30/2024**

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.**